



Province of the
EASTERN CAPE
EDUCATION

SENIOR PHASE

IBANGA 9

NOVEMBA 2013

**ISIXHOSA ULWIMI LWASEKHAYA
MEMORANDUM**

AMANQAKU: 100

Olu viwo lunamaphepha ali – 7.

ICANDELO A: UVAVANYO LOKUQONDA**UMBUZO 1****ISICATSHULWA****EZOLUTSHA**

- 1.1 Iziyobisi ngokwesi sicutshulwa zifaniswa nendoda ekhangeleka indala, ilumkile yaye ikonwabisa ngaphezulu kwabahlobo. (1)
- 1.2 Inabahlobo abaninzi kodwa nonke unenza nizive nibalulekile kuye. (1)
- 1.3 Ukonwab'ela ukuba kunye nayo. (1)
- 1.4
- Ukubukela imidlalo. (1)
 - Ukuphulaphula iititshala (1)
 - Uya kwiindawo ekulunyukiswa kuzo ngeziyobisi apho umamela amabali oyikisayo abantu ababesity'iziyobisi. (1)
- 1.5 Zikhokelela ekuthengiseni ngomzimba, kulwaphulo – mthetho, zikwenza ubele abazali bakho ukuze ufuman'imali yokuzithenga. (Impendulo enye evumelekileyo) (1)
- 1.6
- Kungenxa yoxinzelelo loontanga.
 - limeko abanye abakhulele phantsi kwazo njengokuxhatshazwa emakhaya.
 - Ukuba neengxaki esikolweni.
 - Ukudandatheka uze ufune ukutshabalalis'ubomi bakho. (4 x ½) (2)
- 1.7 Ukunxila/Ukuyotywa. (1)
- 1.8 Ukungaphili ngaphandle kwayo into. (1)
- 1.9 Yinyaniso kuba othe wangena kuzo kunzima ukuphuma. (1)

- 1.10 Ngu ewe okanye u-hayi kuxhomekeke empilweni yomntu ngamnye.
Nayiphina impendulo evakalayo yokuzixhasa yamkelekile. (2)
- 1.11 Nawaphina amazwi avakalayo enokumhlangula umhlobo amkelekile. (2)
- 1.12 Ndiyibona njengento engalunganga.
Nayiphina impendulo evakalayo exhasayo yamkelekile. (2)
- 1.13 Ubomi bufuna umntu oqiqayo, azikise ukucinga, umntu ochula ukunyathela, umntu ongalukuhleki lula/umntu ongelogwala okwaziyo ukumelana nobunzima bobomi.
Nayiphi na impendulo evakalayo yamkelekile. (2)
- [20]**

UMBUZO 2**ISISHWANKATHELO****IRUBRIKI YOKUHLOLA ISISHWANKATHELO.**

5 – 6	3 – 4	1 – 2
Ushwankathela ehleli ngqo kwingxam yomxholo.	Ushwankathela emana ewushiya umxholo.	Ushwankathela esiya kancinci kumxholo.
5 – 6	3 – 4	1 – 2
Upela kakuhle ecwangcisa kakuhle umsebenzi.	Umana esenza iimpazamo zopelo esilahla nesicwangciso	Zininzi iimpazamo zopelo nesicwangciso asiphuhlanga.

[10]**UMBUZO 3****UKUSETYENZISWA KOLWIMI**

- 3.1 Iceba liyashiywa emva kwesimelabizo sokugxininisa. (1)
- 3.2 Ndiyazithanda (1)
- 3.3 Bam, wam, walo, lomhlolokazi. (1)
Yamkela impendulo ibeNYE kuphela.
- 3.4 Ikholwa lomhlolokazi licacisa indlela elizinikela ngayo kuThixo. (2)

- 3.5 Oyena – isimelabizo soqobo sokugxininisa
Lona – isimelabizo soqobo
Obo – isimelabizo sokwalatha
Wonke – isimelabizo soquko (2)
Yamkela impendulo ibenye
- 3.6 Njengenjongosenzi (2)
- 3.7 Sisalathandawo (1)
[10]

UMBUZO 4

- 4.1 Khangela izibizo zala mahlelo alandelayo ngokwezi bloko kule ncoko yaba bafo:
B Ixsha
C Ingoma
D Iimbambo (3)
- 4.2 Ixsha
I- iceba
(-li) isisekelo esidukileyo
-Xesha- isiqu (3)
- 4.3 A ezinthathu – ezintathu
B infutshane – imfutshane
C kuezinhlanu – kwezintlanu
D Inmbambo – iimbambo (4)
[10]

UMBUZO 5

- 5.1 Inkwenkwe yojela abantu inyama. (2)
- 5.2 Abantwana badlala ibhola. (2)
- 5.3 Umakazi wabo naye ukhona apho. (2)
- 5.4 Isivumelanisi sentloko (2)
- 5.5 Kusehlotyeni. Kuba abantu bayaqubha elwandle kwaye bahleli phantsi kwe ambrela ngenxa yelanga elitshisayo/banxibe iimpahla ezipholileyo/ baneminqwazi yelanga emikhulu/basela iziselo ezipholileyo/bandayo. Yamkela impendulo ibeNYE exhasa ixesha lasehlotyeni. (2)

[10]**AMANQAKU ECANDELO A: 60**

ICANDELO B**UMBUZO 6****UMBONGO**

- 6.1 Umhlobo wenene ngumhlobo onyanisekileyo. (1)
- 6.2 Akahlekisi ngam xa ndingakwazanga ukusombulula ingxaki yam. (2)
- 6.3 Lo mbongo uhambelana nokubalula umoya ophakathi kwabahlobo benene. (2)
- 6.4
- Uthi ngumntu ongasoze ahlekise ngawe xa usengxakini. (1)
 - Ngumntu omamelayo xa uwabo enengxaki. (1)
 - Acebise umhlobo ukuze aphumelele. (1)
- 6.5 6.5.1 Ukupholisana, Ukuthomalalisa. (1)
- 6.5.2 Umhlobo wenene nguye othi akupholise xa usentlungwini. (1)
- 6.6 Umzingisi akanalishwa. (1)
- 6.7 Kuhle ukungancami kuloo nto uyenzayo kuba uyakuvuzwa ekugqibeleni. (2)
- 6.8 Yimvano siphelo. (2)
- 6.9 Imbongi iphakamisa ukunyaniseka nokuzinikela kwinkonzo yothando yalowo uzibize ngokuba ungumhlobo wenene. (2)
- 6.10 Yinyaniso (1)
- 6.11 Nayiphina inyaniso evakalayo yamkelekile. (2)

AMANQAKU ECANDELO B: 20

ICANDELO C**UMBUZO 7****IRUBRIKI YOKUHLOLA ISINCOKO**

4 – 5	2 – 3	0 – 1
Upela kakuhle kakhulu	Upela kakuhle	Upela kakubi
4 – 5	2 – 3	0 – 1
Uyicwangcisa kakuhle kakhulu imihlathi.	Uyicwangcisa kakuhle imihlathi.	Uyicwangcisa kakubi imihlathi.
4 – 5	2 – 3	0 – 1
Ziyathungelana kakuhle kakhulu iingcinga zakhe ukwenza umxholo ovakalayo.	Ziyathungelana iingcinga zakhe ukwenza umxholo ovakalayo.	Azithungelani kwaphela iingcinga zakhe.
4 – 5	2 – 3	0 – 1
Usebenzise ulwimi olusulungekileyo nolutyebileyo	Usebenzise ulwimi olusulungekileyo.	Usebenzise ulwimi oluxutywe kakhulu.

AMANQAKU ECANDELO C: 20**AMANQAKU EWONKE: 100**